Umteteli wa Bantu (Johannesburg), October 23rd, 1920.

# IMBONGI U CHIZAMA.

Nkosi mhleli wo Mteteli wetu,
Wanga ungapila u bom obude,
Mzukulwana wamadoda afela kwa-Hoho Taru— Gatyeni hamba, Sokulandela.
Hom zajika,
Amadoda afela izwe lawo,
Afa kunyene Nkosi yawo u Sandile
Hom bo'
Tina sokulandela kuba singabantwa na Lo Gaga u Gago luhamba lu Gongqoza lukwezi Xesi u Ndanda Ko Veco u Xesi Magqagala Umtunzi wa bantu bonke bengaka Nje nditsho ku Sandile mna.
Hamba Sokulandela,
Kuba akuzange kupume ntamnani Kowenu.
Hamba Sokulandela,
Kuba tina simadoda nje asizange Siyibone kowetu imbongikazi,
Yenkazana kuba imbongi inyuka Nenkundla ituke inkosi.
Hamba Sokulandela,
Nezi mbongikazi Tina sizibona Apa kweli lo laita ne bhekile.
Hamba Sokulandela,
Asazi tina nokuba ngaba isono Sontamnani saxolelwana?
Hamba Sokulandela,
Kuba ne sidenge (a fool) siyazi Ukuba umntu olambileyo akangeze Akokele acebise mzi.
Hamba Sokulandela,
Tshotsho uzalwe Nkosibantu,
Sanga eso sonka asingepeli kuba Site sakuvela kwapuma into Eyimyoli good on you Nkosi Bantu.
Hamba Sokulandela,
Nawe mazi esifuba sikulu eyati Gqi nomoweba ku Buxton,
Kwavuleka intolongo.
Hamba Sokulandela,
Mazi eyapuma izinto nge pass Kwapuma izinto kwa tamb'u,
Mlungu exwayi kati ngabula Nojekwa.
Hamba Sokulandela,
Mazi eyateta e Nancefield yatsho Amadoda e Komishoni apupa Kakubona.
Hamba Sokulandela,
Mazi eyalandela amadoda E-Komishoni kwada kwase *Bhat Indlovu* ndifungu *Ledi*.
Hamba Sokulandela,
Nawe Oete nto ka Nkombisa,
Chizama bamb'i ntambo ama Kowenu akugxeleshile kunje.
Hamba Sokulandela,
Nto ka Mbambisa Radebe Tina Siyakwazi nase zintongeni Ungotuswa zi ngqeqe jonga Ukupuma kwe nkulu inja.
Hamba Sokulandela,
Mfo ka Maxeke kuba tina Kaloku satengwa ngo duladula Inyama ye Komponi.
Hamba Sokulandela,
Kuba lempi ifuna ukubona Yodwa unyaka ozayo Ho! Ho! Ho! Sakubona Fish.
Hom Mazijike, izibuko libi,
Ndoka ndime Mhleli taru ndobuye Ndivele.

*Nkosi Sikelel' Africa.*

CHIZAMA,
Crown Mines.